

Isishwankathelo Sesigqeba:

Isicelo Semvume Yokukhupha Amanzi Angaselunxwemeni Yokhupho Olukhoyo ngoMjelo Okhupha Amanzi Okupholisa, kwiSitishi SeZiko Lombane laseKoeberg

February 2025

DFFE: Oceans and Coasts Ref Number: 2012/011/WC/Koeberg Power Station

1 INTSHAYELELO

Isicelo ngokuvumelana neCandelo 69 loLawulo Lokusingqongileyo LukaZwelonke: UMthetho Wolawulo Oluhlangeneyo Lwamanxweme (NEM: ICMA), uMthetho 24 ka-2008 weMvume Yokukhupha Amanzi Aselunxwemeni (CWDP) siye senziwa ngu-Eskom ukwenza ukhupho olusuka kwiKoeberg Nuclear Power Station (KNPS).

Lo msebenzi wokukhupha unxulumene nokusebenza kweziko lombane, elisebenzisa isixa esikhulu samanzi aselwandle ukuze lizipholise. Ukongezelela ekukhutshweni kwamanzi apholisayo, amanzi amdaka asuka kwimizi-mveliso nasezindlini ayakhutshwa aze alahlelwe kunye namanzi okupholisa ahambe ngomjelo ophuma amanzi okupholisa eKoeberg (KCWOB), osemazantsi kumjelo wokufaka amanzi okupholisa eKoeberg (KCWIB), njengoko kuboniswe kuMfanekiso 1

I-KNPS yimvume ekhoyo engokwasemthethweni yomsebenzi wokukhutshwa. Ngesaziso seNEM: I-ICMA ngo-2008, lo Mthetho sowushenxise loo malungiselelo ngokuvumelana nokukhutshwa elwandle yaye ngenxa yoko i-KNPS kufuneka ifake isicelo se-CWDP ngokuvumelana ne-NEM:ICMA. Ingxelo yohlolo lwezobugcisa sele ibhaliwe yaye nophando lobugcisa oluxhasayo sele luqhutyiwe ukuxhasa esi sicelo.

Jonga iphepha 5 ukuze ufumane iinkcukacha ngendlela onokuba nenxaxheba ngayo kule nkqubo.



Umfanekiso 1: IMephu Yendawo

2 INKQUBO YOKULAWULA

I-KNPS yimvume ekhoyo engokwasemthethweni yomsebenzi wokukhutshwa (iMvume 853N, Ukubekelwa bucala 1133B) ngokuvumelana noMthetho Wamanzi (WA), uMthetho 54 ka-1956. Oku kugunyaziswa kwakhutshwa nge-17 Julayi 1985 liSebe Lamanzi, ngelo xesha okwakungumthetho osebenzayo ojongene nolawulo lokukhutshwa kwamanzi aselwandle phantsi koMthetho Wamanzi ofanelekileyo.

Ngokuvumelana namalungiselelo otshintsho oMthetho Welizwe Wamanzi (NWA), uMthetho 36 ka-1998, imvume 853N kukusetyenziswa okukhoyo okusemthethweni yaye kugunyazisiwe ngokuvumelana nalo Mthetho.

Ngo-2008, i-NEM: I-ICMA, yaziswa ukuze iphucule ulondolozo nolawulo oluqhubekayo lwemekobume yeelwandle zoMzantsi Afrika. Ugunyaziso ngokuvumelana nokukhutshwa kwaselwandle kudluliselwe ngokusuka kwiSebe lezamaHlathi, ukuLoba kunye neMicimbi yokusiNgqongileyo: iiLwandle namaNxweme (kubhekiselwa kuyo njengeDFFE). Ngenxa yotshintsho lomthetho oluhambisana noko, i-KNPS kulindelwe ukuba ifake isicelo seMvume Yokukhutshwa Kwamanzi Olwandle ngokuvumelana ne-NEM: I-ICMA, iCandelo 69.

ICandelo 69(3) lalo Mthetho uchaziweyo lithi: *“Nabani na ongathanda ukukhuphela amanzi amdaka kumanzi aselwandle phantsi kweemeko ezingagunyaziswanga phantsi kogunyaziso oluqhelekileyo ekubhekiselwe kulo kwicandelo elingaphantsi (2) bamele bafake isicelo kwiSebe ukuze bafumane imvume yokukhuphela kumanzi aselwandle.”*

Ingcaciso yamanzi (ngokuvumelana ne-NEM:ICMA): (a) naluphi na ulwelo olukhutshelwa kwimekobume yaselwandle njengenkitho, yaye kuquka nayiphi na into enyibilikele okanye edluliselwe kulwelo; okanye (b) ulwelo olunobushushu obahlukileyo kobo bamanzi amaninzi olukhutshelwa kuwo. Kule meko iKNPS ikhuthaza ukuqala kokubini ngokumayela nokukhutshelwa noko kubumba la manzi amdaka.

Esi sicelo sijolise ekukhutshweni kwamanzi amdaka angenamitha, ekubeni amanzi amdaka anezingcolisi ezinemitha elawulwa nguMthetho Welizwe Olawula iNyukliya (NNRA), 1999 (uMthetho No. 47 ka-1999) yaye ilawulwa siSilawuli Senyukliya Selizwe (NNR). Ulawulo lwenyukliya luqhutywa liSebe Lezamandla.


I-KNPS iinemvume eziyimfuneko zomthetho ukwenzela ukukhutshelwa kolwelo olunemitha ngokuvumelana neCandelo 21 leNNRA (uMthetho. 47 ka-1999), kwakunye neemvume ezifunekayo kwimboleko yonxweme lolwandle ngokuvumelana neCandelo 3(1) loMthetho woNxweme lolwandle (uMthetho No. 21 ka-1935).

3 INKQUBO YESICELO YE-CWDP

Esi sicelo seCWDP siye salungiselelwa kusetyenziswa la maxwebhu esikhokelo alandelayo:

- ISikhokelo seLizwe Sokukhutshelwa Kwamanzi Amdaka Ngokusuka Kwimithombo Esekelle Emhlabeni ukuya kwiMekobume Yonxweme (DEA, 2014);
- INkqubo Yohlolo Yolawulo Lwamanzi Amdaka Ngokusuka Kwimithombo Esekelle Emhlabeni ukuya kwiMekobume Yonxweme (DEA, 2015);
- Uluhlu Lohlolo Lwejeneriki Lwemvume Yokukhuphela Kumanzi Olwandle (DEA, 2014); kunye
- neSikhokelo seeMfuneko Zokuba Nenxaxheba Koluntu kwiSicelo Seemvume Zokukhuphela Kumanzi Olwandle (DEA, 2014).

La maxwebhu esikhokelo achazwe ngasentla achaza ukwenziwa kwenkqubo yezicelo ye-CWDP kwakunye neenkqubo ezinxulumene nayo zokuba nenxaxheba koluntu. Jonga uMfanekiso 2 ukuze ubone iflow diagram elula yenkqubo ephakanyiswayo ye-CWDP.



Umfanekiso 2: Inkqubo yeCWDP Eyenziwe Lula

linjongo zeNkqubo Yokuba Nenxaxheba Koluntu zezi:

- Ukufumanisa nokwaziswa Abantu Abachaphazelekayo abafanelekayo abanomdla kwiprojekti ephakanyiswayo;

- Ukulungisa naziphi na iinkxalabo zemekobume okanye ezokuhlala ezinokuvela njengomphumo weprojekti ephakanyiswayo;
- Ukunika ababandakanyekayo ithuba lokuvakalisa naziphi na iinkxalabo ezinxulumene nale projekti; kwakunye
- Nokunika ababandakanyekileyo ithuba lokuhlola nokunikela ingxelo ngophando lobugcisa ukuqinisekisa ukuba imiba eboniweyo ilungiswa ngendlela eyiyo nefanelekileyo.

Isakugqitywa inkqubo yokuba nenxaxheba kwabantu, onke amagqabaza neenkxalabo aya kufakwa kwingxelo yobugcisa, ekuya kuthi emva koko ingxelo yokugqibela ifakwe kwiDFFE ukuze ihlolwe okokugqibela ize ivunywe.

4 INGCACISO YESIZA NEMEKOBUME

I-KNPS ikwiCape Farm Duynefontyn No. 1552, malunga neekhilomitha ezingama-30 kumantla eKapa, kufutshane noNxweme oluseNtshona loMzantsi Afrika. I-KNPS ifikelelwa ngokudlula ku-R27 okanye udlule kwi-Otto du Plessis Drive.

I-KNPS ikummandla okufutshane nomda osemazantsi wolwandle olufanayo oluseNamaqua olunezidalwa ezahlukeneyo. Lo mmandla ulawulwa yinkqubo yolwandle olubandayo lweBenguela, apho ukungena kwamanzi abandayo azele iinyutriyenti ephumela ekuvelisweni kwezidalwa ezininzi. Noko ke, olu nxweme lubunjwa kukungabikho kwezidalwa ezingako nokungabi kwezifo ezingako. Ayikho imimandla efunyanisiweyo yolondolozo olukhethekileyo lwezilwanyana zaselwandle, ezingenathambo lomqolo okanye iintlanzi kwindawo ethile yeKNPS.

Izilawuli ezibini zenjukliya eziyi-900 MWe (megawatts electrical) zisebenzisa inkqubo yokupholisa amanzi ethe ngqo okanye esebenza kanye, apho amanzi okupholisa etsalwa kuLwandlekazi lweAtlantiki, adluliselwe kwiinkqubo ezahlukeneyo zemveliso aze abuyiselwe elwandle enobushushu obuyi-~11°C ngaphezu kobo bubekiweyo.

Akhutshelwa Ngomjelo Ophuma Amanzi Okupholisa eKoeberg (KCWOB), okwinoxalenye ekumzantsi-ntshona wepropati. I-KCWOB iqulethe umjele wekonkile omalunga neemitha eziyi-150 ubude, uqala emhlabeni, uze ukhuphele elwandle ngobunzulu obuyi -2 m Chart Datum. Indlela owenziwe ngayo lo mjelo

nobungakanani bamanzi amdaka akhutshelweyo (~86 m³/s) ithintela ukudlula kwamanzi olwandle avelweyo ukuba abuyele kwiKCWOB, yaye ngenxa yoko indawo yokukhuphela igqalwa njengesekugqibeleni kwalo mjelo. Izilawuli zendawo yokukhuphela zezi 33°40'50.18"S 18°25'50.45"E (GCP).

5 IMFUNeko NOKUNQWENELEKA KOKUKHUTSHELWA KWAMANZI AMDAKA

I-KNPS ibisebenza ukususela ngowe-1984. Ukulahlwa kwamanzi amdaka kumanzi aselwandle ngaphambili kwakugunyaziswe nguMthetho Wamanzi ka-1956, yaye oku kusetyenziswa kwamanzi kuyindlela ekhoyo esemthethweni ngokuvumelana noMthetho Wamanzi Welizwe, 36 ka-1998 (NWA).

Ngokwaziswa kweNEMICA, lo Mthetho uye washenxisa iNWA, yaye ngenxa yoko, iMvume Yokukhuphela Kumanzi Olwandle (CWDP) iyafunwa yiKNPS. Kuyaqondakala ukuba injongo yeCWDP iza kuthatha indawo yeemfuneko zokukhuphela elwandle ekho phantsi kweNWA; noko ke, iinkqubo zokukhuphela eKNPS bezivumelana nemvume ekhoyo yamanzi nokubekelwa bucala okugqalwa yi-NWA.

6 EZINYE IINDLELA

Iindlela zokulahlala eziphepha imfuneko yokukhuphela amanzi amdaka kwimekobume yaselwandle zilinganiselwe ngenxa yomthamo wamanzi alahlwayo aveliswa ziinkqubo zamanzi okupholisa nokuyilwa kwemichiza yamanzi amdaka ewonke.

Enye indlela yokugala: amanzi amdaka anokukhutshelwa kwindawo yogutyulo lwelindle aze acocwe kwindawo kamasipala yokucoca amanzi alahlwayo (WWTW); noko ke amanzi amaninzi okupholisa athathwe elwandle anetyuwa eninzi yaye akakufanelanga ukukhutshelwa kumthombo wamanzi okanye kwi-WWTW kamasipala.

Ukongezelela koku, amanzi amdaka awenziwe kwesi siza, aneemveliso zenkunkuma ezimandla yaye akuyiyo eyona nto intle ukuphinda uwasebenzise okanye akhutshelwe kumthombo wamanzi okanye iWWTW kamasipala. Eneneni okona kubhetele kukugalela amanzi amdaka kumanzi okupholisa, yaye

kwezinye iimeko nolwandle lunciphise ukuba mandla komlinganiselo womthamo okhuselekileyo kumalungu okuhlala, abasebenzi, izityalo nezilwanyana.

Ngokusekelwe kule ngqiqo ingasentla, enye indlela igqalwa njengengasebenziyo nengekho ngqiqweni yaye iye yabekelwa bucala.

Enye indlela yesibini: indlela yokulahla kwisiza iquka ukucocwa kwamanzi amdaka eKNPS WWTW nokukhutshwa kokugqibela ngokunkcenkceshela kwisiza. Noko ke, oku kuza kufuna lo mthamo ukhoyo uyi-28 m³/h WWTW ukuba uphuculwe (x11 000) ukuze uthwale izixa zamanzi amdaka, yaye ukongezelela, kwakhiwe iziko lokukhupha ityuwa ukuze kususwe umthamo wetyuwa ukuze kunkcenkceshelwe. Le ndlela iza kubiza ngendlela engathethekiyo, xa ucinga ngexesha elisaseleyo leli ziko.

Enye indlela Engasebenziyo: Iquka ukungakhutshwa kwe-CWDP ukwenzela ukukhutshelwa elwandle. Le ndlela iya kuthetha ukuvalwa kweli ziko, njengoko ukukhutshelwa kunxulumene nokusebenza kweziko lombane. Kwimo yezamandla eMzantsi Afrika le ndlela ayinakukhethwa njengoko iKNPS idlala indima ebalulekileyo njengoko inika ilizwe umbane. Igalelo lokwanda lale ndlela liya kukhokelela ekuhlumeni kogoqosho elizweni ngenxa yokukhutshwa kwamandla okungazinzanga nokulahleka kwemisebenzi, kungekuphela nje eKNPS, kodwa nakwiimarike ngokubanzi.

7 UKUDIBANISA IINTLOKO KWABABANDAKANYEKILEYO

Ukudibanisa iintloko kwababandakanyekileyo kubumba inkalo ebandakanyekileyo yenkqubo ye-CWDP yaye kwenziwa ngokuvumelana noxwebhu olungeeMfuneko Zokuba Nenxaxheba Koluntu kwiSicelo seMvume Yokukhuphela Kumanzi Olwandle (DEA 2014).

Izinto zembali ezibandakanyeke ekudibaniseni iintloko kwababandakanyekileyo zishwankathelwe kwiTheyibhuli 1.

Amagunya afanelekileyo asekuhlaleni, awephondo nawelizwe, amaziko olondolozo, ii-arhente zasekuhlaleni nabaninimzi abangqongileyo nabahlali baye baziswa ngenkqubo yesicelo se-CWDP

nokukhutshwa kweNgxelo Ebhaliweyo Yobugcisa ukuze ihlolwe kuze kugqatyazwe ngayo.

Theyibhuli 1: Ukudibanisa iintloko kwababandakanyekileyo ebudeni beBakala Langaphambi Kokufaka Isicelo Nelokuhlola

Ibakala Langaphambi Kokufaka Isicelo	
Umsebenzi	Umhla
Kubhengezwa ukukhululwa kweSicelo se-CWDP neNgxelo Yobugcisa nokuqalisa kokubhaliswa kwe-I&AP	18 – 27 Meyi 2016
Ixesha lokuhlolwa luluntu namagqabaza (iintsuku eziyi-63)	27 Meyi - 27 Juni 2016
I-arhente YeNkcazelo Yokhuseleko Loluntu eKoeberg (PSIF) Intlanganiso	23 Juni 2016
NgoFebruwari 2019 IsiHlomelo	Ukusukela nge-25 kaFebruwari 2019
NgoNovemba 2019 IsiHlomelo	Ukusukela nge-15 kaNovemba ka-2019

Emva kokufakwa kwengxelo ebhaliweyo yesicelo kwiDFFE, iNgxelo Yobugcisa, elungisa imiba ephakanyiswe ebudeni beBakala Langaphambi Kokufaka Isicelo, iya kulungiswa ize ifakwe ukuze kwenziwe isigqibo sokugqibela.

8 IGALELO ELINOKUBAKHO

Igalelo lomsebenzi wokukhutshelwa elwandle linxulumene ubukhulu becala nokuba ntununtunu bemekobume ekukhutshelwa kuyo nomkhawo wezamkeli¹, iingozi ezinokubakho ekukhutshelweni okungaqhelekanga neembono zabo babandakanyekileyo.

Ngokusekelwe kwezi zinto zichazwe ngasentla kwakunye namava akumgangatho ophezulu eQela Lokuhlola Okusingqongileyo, eli galelo lingelihle lilandelayo neengenelo ezinokubakho ziye zafunyaniswa.

¹ Izamkeli zemekobume ziquka naziphi na izinto eziphilayo ngaphandle kwabantu, indawo yokuhlala exhasa ezo zidalwa, okanye izinto zemvelo ezinokuchatshazelwa ngokunzulu kukonakaliswa kwemekobume okubangelwa kukukhululwa okanye ukusuka kwisiza. (Source: www.Eugris.info)

Igalelo lokukhutshelwa kwamanzi amdaka kwimekobume akhutshelwa kuyo (ubushushu)

– eyona njongo iphambili yamanzi apholileyo atsaliweyo kukusebenza njengesitshintshi sobushushu. Ngenxa yoko amanzi akhutshiweyo ~aziidigirizi eziyi-11 ngaphezu kwamanzi atsaliweyo.

Olu hlobo lokukhutshelwa lunokubangela umlinganiselo wegalelo elikhathazayo kwizityalo nezilwanyana kuloo mmandla njengokutshintsha kokukhula, ukucolwa kokutya, ukuvelisa kwazo, imveliso, kunye okanye igalelo kwiinkqubo zezidalwa, ngokomzekelo ukutshintsha kumlinganiselo wokunyibilika kwe-oksijini kumanzi olwandle.

Igalelo lokukhutshelwa kwamanzi amdaka kwimekobume ekhutshelwa kuyo (intsalela epheleleyo ene-oksijini)

– ukufaka ithamo lamanzi okupholisa kubalulekile ekulungiseni i-KNPS. Ukwakhela kokonakalisa kwebio kuya kunciphisa ukusebenza kakuhle kukonke kweziko, okunokukhokelela ekwandeni kwegalelo kwimekobume njengako ukuphehlwa kwenkunkuma enemitha, ngeyunithi nganye yombane evelisiweyo. Noko ke, ichlorine (okanye nayiphi na kwizinto eziphuma kuyo eziphambili) iyingozi ngokwemvelo kwizidalwa zaselwandle.

Igalelo lokukhutshelwa kwamanzi amdaka kwimekobume akhutshelwa kuyo (iiphosphate)

– Iphosphate yintshiiyekela yamanzi aphuma kwimizi-mveliso enokuba negalelo elingelihle kwimveliso yephytoplankton

Igalelo lokukhutshelwa kwamanzi amdaka kwimekobume akhutshelwa kuyo (ihydrazine)

– ikelp sporophytes ezikumhlaba onamatye kwindawo engenzulu kumanzi amaninzi egalelwa kuwo ngokukhethekileyo isesichengeni sokufumana ityhefu okubangelwa yihydrazine.

Igalelo lokukhutshelwa kwamanzi amdaka kwimekobume akhutshelwa kuyo (ukwakhelana kweentsimbi ezinzima kwindawo ekulahlwa kuyo)

– Ukukhutshelwa kwamanzi amdaka eKNPS kuqulethe ukuba phantsi kweentsimbi ezinzima. Iintsimbi ezinzima ezinyibilikisiweyo inokufunxwa ngamasuntswana angengowemvelo nawemvelo kumqolo wamanzi zize ziye elwandle ngenkqubo yokhukuliseko. Ngokuhamba kwexesha, iintsimbi ezinzima ezikhukulisiweyo kwezi ndawo kulahlwa kuzo zinokwakhelana ngokukhutshwa okuqhubekayo, njengoko kunokuvela ekukhutshelweni ngokuqhubekayo, umz. iKNPS ukwenziwa iiminerali kwezinto zemvelo neenkqubo zemichiza yemvelo ezinxulumene noko. Oku kunokubangela ukwakhelana kweentsimbi ezinzima ezifikelela kwezo zigqalwa njengezo zibangela ityhefu kwiibenthos ezinemiphumo yemvelo yokutshintshelwa kwiindawo zebenthiki.

9 UKUCETYWA KOPHANDO UKUZE KUHLOLWE IGALELO

Ukulungisa izinto ezinokuba yingxaki negalelo eliboniweyo ukuza kuthi ga ngoku, olu **phando lobugcisa** lulandelayo luye lwenziwa:

- Uphando Lobugcisa Lwezinto Eziphila Elwandle; kunye
- Ukusasazwa Kophando Lobugcisa Olungumzekelo.

Iingcaphephe ziye zanikwa inkcazelo eneenkcukacha esisiseko yaye ziye zafumanisa zaza zahlola izinto ezinokuba negalelo zokukhutshelwa kwamanzi amdaka kwiicandelo elithile lophando. Uphando luye lwaqhutywa ngokuvumelana noxwebhu lwesikhokelo *Uluhlu Lohlolo Lwejeneriki Lwemvume Yokukhuphela Kumanzi Olwandle* (DEA, 2014).

Ukongezelela, iingcaphephe ziye zafumanisa imilinganiselo ethintelayo nenika ithemba ukuphepha okanye ukunciphisa igalelo elingelihle kunye okanye ukukhuthaza naziphi na iinzuzo.

Uphando lweengcaphephe luye lwagqitywa neziphumo ziye zathalekiswa neNgxelo Yobugcisa.

Isicelo seCWDP neNgxelo Yobugcisa exhasayo iya kukhululwa ukuze abantu bagqabaze ngayo ngokwazisa Abantu Abanomdla nabaChaphazelekayo (I&APs). Amagunya aphambili aya kulunywa indlebe njengenxalenye yenkqubo.

Onke amagqabaza afunyenweyo aza kudityaniswa naMagqabaza neZishwankathelo Zeempendulo eziza kudityaniswa neNgxelo Yobugcisa. Isicelo seCWDP neNgxelo Yobugcisa ziya kufakwa kwiDEA ukuze izijonge xa isenza izigqibo.

10 UNGAYITHATHA NJANI INXAXHEBA KWINKQUBO YE-EIA?

Isicelo seCWDP neNgxelo Yobugcisa exhasayo asiyongxelo igqibelayo yaye inokutshintshwa ngokusekelwe kumagqabaza afunyenwe kwababandakanyekileyo. Ngenxa yoko ababandakanyekileyo babongozwa ukuba babe nenxaxheba:

Amaziko afanelekileyo kaRhulumente aye abhaliswa ngokuzenzekelayo njengabandakanyekileyo. Bonke abanye **abantu bamele bacele, ngokubhala, ukuba babekwe kwirejista, bafake amagqabaza abhaliweyo, okanye baye kwiintlanganiso ukuze babhaliswe njengababandakanyekileyo** baze baqukwe kunxibelelwano lwexesha elizayo lwale projekti.

UKUHLOLWA KWENGXELO

Iikopi zeSicelo seCWDP neNgxelo Yobugcisa exhasayo ziyafumaneka ukuze zihlolwe luluntu kwezi ndawo zilandelayo:

- Ithala leencwadi loluntu laseKoeberg, eDuynefontein;
- Ithala leencwadi loluntu laseWesfleur, eAtlantis;
- Iziko leeNkonzo zeThusong, eAtlantis;
- Ithala leencwadi loluntu laseAvondale, eAtlantis
- Iziko labatyeleli laseKoeberg;

neEskom website -.

<https://www.eskom.co.za/eskom-divisions/gx/koeberg-long-term-outage/PAIA/>

Abantu abanomdla nabachaphazelekayo bayamenywa ukuba bahlomle kwesisicelo, okanye babhalise izimvo zabo ngalomsebenzi. Abanomdla kwakunye nabachaphazelekayo bayacelwa ukuba mababhalise izimvo zabo, kunye namagama abo, iinkcukacha zoqhakamshelwano, (indlela ekhethwayo yokwazisa), umzekelo. i-imeyile), kunye nokwazisa ngeshishini elingqalileyo, izimali, ezobuqu okanye ezinye izinto abanomdla kuzo ezikwisicelo, kumntu ekuqhakamshelwana naye ochazwe ngezantsi, **nge-16 Utshazimpuzi 2025.**

BHALISA OKANYE UFAKE ULUVO LWAKHO

Bhalisa okanye uthumele amagqabaza abhaliweyo ku:

Deon Jeannes

Eskom

Private Bag X10, KERNKRAG, 7440

Tel: + 27 21 550 5027

I-imeyili: deon.jeannes@eskom.co.za

Izimvo mazifike kwa-Eskom ungadlulanga we 16 Utshazimpuzi 2025



Uguqulelo lwesiNgesi lolu xwebhu luyafumaneka - nceda uqhagamshelane neAdvisian ukuze ufumane inkcazelo engakumbi.

'n Afrikaanse weergawe van hierdie dokument is beskikbaar – kontak asseblief vir Advisian vir verdere inligting.

Uguqulelo lwesiXhosa lolu xwebhu luyafumaneka - nceda uqhagamshelane neAdvisian ukuze ufumane inkcazelo engakumbi (iza kuguqulelwa ngesiXhosa - umbhalo ocetyisiweyo ngezantsi)

Olu guqulelo lwesiXhosa lolu xwebhu luyafumaneka - nceda uqhagamshelane neAdvisian.